# Ukhe Weva Na Ngeenyaniso Ezine Zomoya ?

## Have You Heard of the Four Spiritual Laws?

*Just as there are physical laws that govern the physical universe, so are there spiritual laws which govern your relationship with God.*

*Nanjengokuba kukho iinyaniso ezilawula ubume bomhlaba, kwangokunjalo kukho iinyaniso ezilawula ubudlelwana bakho noThixo.*

**1**

God **LOVES** you and offers a wonderful **PLAN** for your life.

Uthixo **UYAKUTHANDA** waye ukubekele **ICEBO** elingummangaliso ebomini bakho.

*(References contained in this booklet should be read in context from the Bible wherever possible.)*

*(Amanqaku akule ncwadana makafundwe ngokwayamene neBhayibhile ngalo lonke ixesha xa kunokwenzeka).*

### GOD'S LOVE

*"God so loved the world that He gave His one and only Son, that whoever believes in Him shall not perish, but have eternal life" (John 3:16 NIV).*

### UTHANDO LUKATHIXO

*"Kuba weenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade." (Yohane 3:16)*

### GOD'S PLAN

[Christ speaking] *"I came that they might have life, and might have it abundantly"* [that it might be full and meaningful] *(John 10:10).*

### ICEBO LIKATHIXO

(UKristu ethetha) *"Mna ndizele ukuze babe nobomi, babe nabo ke ngokugqithiseleyo." (Yohane 10:10).*

*Why is it that most people are not experiencing the abundant life?*

*Because…*

*Kungani ukuba inkoliso yabantu ingabi nawo amava obomi obugqithisaleyo?*

*Kungokuba…*

**2**

Man is **SINFUL** and **SEPARATED** from God. Thus, he cannot know and experience God's love and plan for his life.

Umntu **WONILE** waza **WOHLUKANA** kuThixo, ngoko ke akanalo ulwazi namava othando lukaThixo kwakunye necebo lakhe ngobomi bakhe.

### MAN IS SINFUL

*"All have sinned and fall short of the glory of God" (Romans 3:23).*

Man was created to have fellowship with God; but, because of his stubborn self-will, he chose to go his own independent way, and fellowship with God was broken. This self-will, characterized by an attitude of active rebellion or passive indifference, is an evidence of what the Bible calls sin.

### UMNTU WON I LE

*"Kuba bonile bonke, basilela uluzukweni lukaThixo." (Roma 3:23)*

Umntu wadalwa ukuze abe nobudlelwana noThixo, kodwa ngenxa yentando yakhe elukhuni, wazanyulela ukuhamba indlela yakhe engaxhomekekanga mntwini, baza ke ngoko ubudlelwana phakathi kwakhe noThixo bophuka. Le ntando yakhe, ecaciswa ngumkhwa wobundlobongela okanye ikratshi lokuziphakamisa, bubungqina bento ethi iBhayibhile ukuyibiza sisono.

## MAN IS SEPARATED

*"The wages of sin is death"* [spiritual separation from God] *(Romans 6:23).*

God is holy and man is sinful. There is a great separation between the two. The arrows show how man tries to reach God and the abundant life through his own efforts: such as living a good life, being religious, helping others etc., but all his efforts fail.




*The third law explains the only way to bridge this gulf…*

.

## UMNTU WAHLUKANISIWE

*"Kuba umvuzo wesono kukufa."* [ukohlulwa ngokomoya kuThixo] *(KwabaseRoma 6:23)*

UThixo ungcwele waye umntu ungumoni Kukho umsantsa omkhulu owahlule aba babini.
Umntu uzama njalo ukufikelela kuThixo nokuthi afumane ubomi obugqithiseleyo ngemizamo yakhe; ubomi obulungileyo, intlalo entle, ulwazi lobulumko, okanye ngenkolo – kodwa onke lamalinge akanamsebenzi.

Inyaniso yesithathu yiyo kuuphela esinika impendulo kule meko…

Jesus Christ is God's **ONLY** provision for man's sin. Through Him you can know and experience God's love and plan for your life.

3

UYesu Kristu nguye **KUUPHELA** omiswe nguThixo ukuba aqondane nesono somntu. Ngenxa yakhe unganolwazi namava othando lukathixo, necebo Lakhe ngobomi bakho.

## HE DIED IN OUR PLACE

*"God demonstrates His own love toward us, in that while we were yet sinners, Christ died for us" (Romans 5:8).*

## HE ROSE FROM THE DEAD

*"Christ died for our sins…He was buried…He was raised on the third day, according to the Scriptures…He appeared to Peter, then to the twelve. After that He appeared to more than five hundred…" (1 Corinthians 15:3–6).*

## HE IS THE ONLY WAY TO GOD

*"Jesus said to him, 'I am the way, and the truth, and the life; no one comes to the Father, but through Me'" (John 14:6).*

## WAFA ENDAWENI YETHU

*"Ke yena uThixo uqondakalisa okwakhe ukusithanda ngokuthi qthi sisengaboni, uKristu asifele." (KwabaseRoma 5:8)*

## WAVUKA KWABAFILEYO

*"UKristu wafela izono zethu…Wangcwatywa… Wavuka ekufeni ngomhla wesithathu, ngokweziBhalo… Wabonakala kuPetros, wabonwa ngabo bonke abathunywa abalushumi elinambini. Emva koko ubonakele ngaxeshanye nakubalandeli bakhe abangaphezu kwamakhulu amahlanu…" (1kwabaseKorinte 15:3-6)*

## NGUYE KUUPHELA INDLELA

*"Uthi uYesu kuye, 'Ndim indela, ndim inyaniso, ndim ubomi, akukho namnye uzayo kuBawo, engezi ngam.'" (Yohane 14:6)*

God has bridged this separation between us and Himself by sending His Son Jesus Christ, to die on the cross in our place.




UThixo uwuphelisile umsantsa osahluleyo kuYe ngokuthumela uNyana wakhe, uYesu Kristu, ukuba afe emnqamlezweni endaweni yethu.

*It is not enough just to know these three laws …*

*Akwanele ukuzazi nje ezinyaniso zintathu…*

4

We must individually **RECEIVE** Jesus Christ as Saviour and Lord; then we can know and experience God's love and plan for our lives.

## WE MUST RECEIVE CHRIST

*"As many as received Him, to them He gave the right to become children of God, even to those who believe in His name" (John 1:12)*

## WE RECEIVE CHRIST THROUGH FAITH

*"For it is by grace you have been saved, through faith—and this is not from yourselves, it is the gift of God—not by works, so that no one can boast." (Eph. 2:8,9)*

## WE RECEIVE CHRIST THROUGH PERSONAL INVITATION

[Christ speaking] *"Behold, I stand at the door and knock; if any one hears My voice and opens the door, I will come in to him" (Revelation 3:20).*

Receiving Christ involves turning to God from self (repentance) and trusting Christ to come into our lives to forgive our sins and to make us what He wants us to be. Just to agree **intellectually** that Jesus Christ is the Son of God and that He died on the cross for our sins is not enough. Nor is it enough to have an **emotional** experience.

These two circles represent two kinds of lives:

## SELF–DIRECTED LIFE




- **M** – Self is on the throne
- † – Christ is outside the life
- • – Interests are directed by self, often resulting in discord and frustration

## CHRIST–DIRECTED LIFE




- † – Christ is in the life and on the throne
- **M** – Self is yielding to Christ
- • – Interests are directed by Christ, resulting in harmony with God's plan.

**Which circle best represents your life?**

**Which circle would you like to have represent your life?**

*The following explains how you can receive Christ:*

Sonke-ngabmnye ngamnye ma **SIMAMKELE** uYesu uKristu njengomsindisi neNkosi, kukhona siyakuba nolwazi namava othando lukaThixo necebo ngobomi bethu.

## SIMELE UKUMAKELA UKRISTU

*"Ke bonke abamamkelayo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana bakaThixo, abo ke bakholwayo kwigama lakhe." (Yohane 1:12)*

## SAMKELA UKRISTU NGOKHOLO

*"Kuba nisindiswe ngokubabalwa ngalo ukholo, nako oko akuphumi kuni, kusipho sikaThixo-akuphumi misebenzini, hleze kubekho bani uqhayisayo (Kwabase-ephese 2:8,9)*

## SAMKELA NGOKUMEMA THINA ZIQU

[UKristu uyathetha] *"Yabona, ndimi emnyango ndinkqonkqoza; ukuba uthe umntu waliva izwi lam, waluvula ucango, ndongena kuye, ndidle naye" (Izityhilelo 3:20).*

Ukwamkela uKristu kuthetha ukuguqukela kuThixo, ushiye ubuwena, ukuthemba uKristu ukuba uza kungena ebomini bethu, ukuxolela izono nokuthi asenze loo nto afuna ukuba sibe yiyo. Akwanele ukuvuma nje **ngengqondo** ukuba uYesu Kristu ungunyana ka Thixo nokuba wafa emnqamlezweni efela izono zethu.

Ezi zangqa zibini zimele iintlobo ezimbini zobomi.

## UBOMI OBULAWULWA NDIMI

- **M** – Mna etronini
- † – UKristu ngaphandle kobomi bam.
- • – Iziyolo ezilawulwa ndim, isiphumo kokungemthetho kunye nodano.

## UBOMI OBULAWULWA NGUKRISTU

- † – UKristu etronini yobomi.
- **M** – Ubumna buthotyiwe etronini.
- • – Iziyolo phantsi kolawulo lukaThixo - isiphumo lulonwabo olukhulayo ngecebo lika Thixo.

**Sisiphi na isangqa esimele ubomi bakho?**

**Sisiphi na isangqa ongathanda ukuba simele ubomi bakho?**

*Oku kulandelayo kucacisa indlela ongamamkela ngayo uKristu:*

## YOU CAN RECEIVE CHRIST RIGHT NOW BY FAITH THROUGH PRAYER

### (Prayer is talking to God)

Ask Him to come into your life. Trust Him to do what He has promised. He is more concerned with what you mean in your heart than in the words you say. You may want to pray:

**"Lord Jesus, I need You. I have been controlling my own life and have sinned against You. Thank You for forgiving my sins. Come into my life and take control of my life. Make me the kind of person You want me to be."**

Does this prayer express the desire of your heart?

If it does, I invite you to pray this prayer right now, and Christ will come into your life, as He promised.

## UNGAMAMKELA UKRISTU NGOKU NGOKHOLO OLUBONAKALISWE EMTHANDAZWENI

### (Umthandazo kukuthetha noThixo)

UThixo uyayazi intliziyo yakho uhlupheka bubume bentliziyo yakho nangaphezu kokuba ehlupheka ngamazwi akho. Lo ngumthandazo ongawenza:

**"Nkosi Yesu, ndiya phawula ukuba bendikade ndizilawulela ubomi bam ngenxa yoko ndikonile. Ngoku ndivula ucango lobomi bam, ndiya kwamkela njengoMsindisi neNkosi yam. Lawula etronini yabomi bam. Ndenze ukuba ndibe lolohlobo lomntu ofuna ukuba ndibe lulo."**

Ingaba lo mthandazo luluvo lomnqweno wentliziyo yakho?

Ukuba ngaba kunjalo, yenza lo mthandazo ngoku, uKristu uza kungena ebomini bakho njengokuthembisa Kwakhe.

## HOW TO KNOW THAT CHRIST IS IN YOUR LIFE

Did you receive Christ into your life? According to His promise in Revelation 3:20, where is Christ right now in relation to you? Christ said that He would come into your life. Would He mislead you? On what authority do you know that God has answered your prayer? (The trustworthiness of God Himself and His Word.)

## THE BIBLE PROMISES ETERNAL LIFE

*"The witness is this, that God has given us eternal life, and this life is in His Son. He who has the Son has the life; he who does not have the Son of God does not have life. These things I have written to you who believe in the name of the Son of God, in order that you may* ***know*** *that you have eternal life" (1 John 5:11–13).*

Thank God often that Christ is in your life and that He will never leave you (Hebrews 13:5). You can know on the basis of His promise that Christ lives in you and that you have eternal life from the very moment you invite Him in. He will not deceive you.

## INDLELA ONOKUTHI WAZI NGAYO UKUBA UKRISTU UKHO EBOMINI BAKHO

Umamkele na uKristu ebomini bakho? Ngokwesithembiso sakhe kwisiTyhilelo 3:20, uphi uKristu kanye ngoku mayelana nawe? UKristu wathi uyakuza ebomini bakho. Ebengakukhohlisa na? Wazi ngaliphi na igunya ukuba uThixo uwuphendule umthandazo wakho? (Ukuthembeka kukaThixo ngokwakhe kwa kunye nelizwi lakhe).

## IBHAYIBHILE ITHEMBISA UBOMI OBUNGUNAPHAKADE KUBO BONKE ABAMAMKELAYO UKRISTU

*"Bubo obu ke ubungqina; ukuba uThixo usinike ubomi obungunaphakade; baye obo bomi bukuye uNyana wakhe. Lowo unaye uNyana unabo ubomi, lowo ungenaye unyana kaThixo, akanabo ubomi. Ndinibhalela ezi zinto, nina nikholwayo kwigama loNyana kaThixo, ukuze nazi ukuba ninobomi obungunaphakade." (I Yohane 5:11-13)*

Bulela uThixo ngawo onke amaxesha kuba uKristu ekho ebomini bakho waye engasoze akushiye (KumaHebere 13:5). Usenakho ukwazi ukuba uKristu ophilayo uhleli kuwe, nokuba unobomi obungunaphakade, ukusukela nje kwixesha othe wammema ngalo ngokwesithembiso sakhe. Akasoze akukhohlise.

## DO NOT DEPEND ON FEELINGS

The promise of God's Word, the Bible – not our feelings – is our authority. The Christian lives by faith (trust) in the trustworthiness of God Himself and His Word. This train diagram illustrates the relationship among **fact** (God and His Word), **faith** (our trust in God and His Word), and **feeling** (the result of our faith and obedience). (Read John 14:21.)

## MUSA UKUXHOMEKEKA KWIZIMVO

Sinegunya elisisithembiso sikaThixo, ingasizizo izimvo zethu. UmKristu uphila ngokholo (ithemba) ekuthembekeni kuka Thixo ngokwakhe kanye neLizwi lakhe. Lo mfanekiso kaloliwe ubonisa ubuhlobo phakathi kweyona nto **enyanisekileyo** (UThixo neLizwi lakhe), kunye **nokholo** (ithemba lethu kuThixo neLizwi lakhe), kwa kunye **noluvo** (isiphumo sokholo lwethu nentobeko) (Yohane 14:21)




The train will run with or without a guard's van. However, it would be useless to attempt to pull the train by the guard's van. In the same way, as Christians we do not depend on feelings or emotions, but we place our faith (trust) in the trustworthiness of God and the promises of His Word.

Uloliwe unakho ukubaleka nokuba likhona, nokuba alikho itroko langasemva. Noxa kunjalo ingabubuyatha ukwenza ilinge lokutsala uloliwe ngetroko langasemva. Ngokunjalo, thina njengamaKristu asixhomekeki kwizimvo okanye kwiintshukumo kodwa sibeka ukholo lwethu (ithemba) ekuthembekeni kukaThixo nakwizithembiso zeLizwi lakhe.

## NOW THAT YOU HAVE RECEIVED CHRIST

The moment that you received Christ by faith, as an act of the will, many things happened, including the following:

1. Christ came into your life (Revelation 3:20, Colossians 1:27)
2. Your sins were forgiven (Colossians 1:14).
3. You became a child of God (John 1:12)
4. You have received eternal life (John 5:24)

4. You began the great adventure for which God created you (John 10:10, 2 Corinthians 5:14-17; 1Thessalonians 5:18).

Can you think of anything more wonderful that could happen to you than receiving Christ? Would you like to thank God in prayer right now for what He has done for you? By thanking God, you demonstrate your faith.

*To enjoy your new life to the fullest…*

## KE KALOKU NJENGOKO UMAMKELE UKRISTU

Ngelo xesha kanye lokwamkela kwakho uKristu, nje ngesenzo sokholo, kwenzeke izinto ezininzi ezibandakanya ezi zilandelayo:

1. UKristu uzile ebomini bakho. (KwisiTyhilelo 3:20; Kolose 1:27)
2. Izono zakho zixolelwe (Kolose 1:14)
3. Ungumntwana kaThixo (Yohane 1:12)
4. Uzuze ubomi obungunaphakade (Johane 5:24)

5. Waza waqala ukuhlahla indlela malunga naloo msebenzi uThixo akudalele wona (Yohane 10:10; 2 AmaKorinte 5:14,15,17; 1 Thesalonika 5:18)

Ungacinga na ukuba ikhona into engummangaliso ekwehleleyo ngaphezu kokwamkela uKristu? Ungathandaza khona ngoku, ngako konke akwenzele kona? Kanye esosenzo sokubulela uThixo salatha ukholo.

*Ukonwabela ubomi bakho obutsha ngokupheleleyo…*

## SUGGESTIONS FOR CHRISTIAN GROWTH

Spiritual growth results from trusting Jesus Christ. *"The righteous man shall live by faith" (Galatians 3:11)*. A life of faith will enable you to trust God increasingly with every detail of your life, and to practice the following:

**Go** Go to God in prayer daily (John 15:7).

**Read** Read God's Word daily (Acts 17:11); begin with the Gospel of John.

**Obey** Obey God moment by moment (John 14:21).

**Witness** Witness for Christ by your life and words (Matthew 4:19; John 15:8).

**Trust** Trust God for every detail of your life (1Peter5:7).

**Holy Spirit** Holy Spirit – allow Him to control and empower your daily life and witness (Galatians 5:16,17; Acts 1:8).

## FELLOWSHIP IN A GOOD CHURCH

God's Word instructs us not to forsake *"the assembling of ourselves together" (Hebrews 10:25)*. Several logs burn brightly together; but put one aside on the cold hearth and the fire goes out. So it is with your relationship with other Christians. If you do not belong to a church, do not wait to be invited. Take the initiative; call the pastor of a nearby church where Christ is honored and His Word is preached. Start this week, and make plans to attend regularly.

## SPECIAL MATERIALS ARE AVAILABLE FOR CHRISTIAN GROWTH.

If you have come to Christ personally through this presentation of the gospel, helpful materials for Christian growth are available to you. For more information write

**Campus Crusade for Christ Australia,**
**PO Box 40,**
**Sydney Markets, NSW 2129**

phone (02) 9748 5798 Fax: (02) 9748 5799
**email: materials@hereslife.com**
**Website: www.hereslife.com**

©Campus Crusade for Christ Australia, 2002
A.C.N. 002 310 796 Item: XosEng4pWBw05Apr

## AMACEBISO NGOKUKHULA KOMKRISTU

Ukuthemba uYesu Kristu kusisiqhamo sokukhula ngokwasemoyeni. *"Lowo ulilungisa uya kudla ubomi obuphuma elukholweni." (Kuma-Galati 3:11)* Ubomi bokholo buya kukwenza ukuba uthembe uThixo ngokugqithisileyo ngazo zonke iimeko zobomi bakho; nokuba wenze njalo oku kulandelayo:

**Yiya** Yiya kuThixo ngomthandazo yonke imihla. (Yohane 15:7)

**Funda** Funda iLizwi likaThixo yonke imihla (Izenzo 17:11) – uqale kwivangeli kaYohane.

**Lulama** Lulamela uThixo amaxesha ngamaxesha. (Yohane 14:21)

**Nqhina** Nyqinela uKristu ngobomi bakho nangamazwi akho. (Mateyu 4:19; Yohane 15:8)

**Mthembe** Waphose kuThixo onke amaxhala akho. (1 Petros 5:7)

**Lawuleka** UMoya oyiNgcwele – mvumele alawule, ongeze amandla kubomi bakho bemihla ngemihla nobungqina bakho. (AmaGalati 5:16,17; Izenzo 1:8)

## UKUBALULEKA KOBUDLELWANA BOBUKRISTU

Kuma-Hebere 10:25, siyacetyiswa ukuba *"singakuhilizeli ukuhlanganisana kwethu…kodwa ma sivuselelane…"* linkuni ezininzi zivutha ngokucacileyo, kodwa xa ubeke Iwalunye kwiziko elibandayo, uyacima umlilo. Kunjalo ukuhlobana kwakho namanye amaKristu. Ukuba awuyi enkonzweni apho uKristu awongwa khona, nalapho iLizwi lakhe lishunyayelwa khona thabatha amanyathelo, uzibandakanye njalo nabantu esebemfumene uKristu njengoMsindisi, benamava othando Iwakhe.

## LUKHONA UNCWADI OLULODWA OLWENZELWE UKUKHULA KUKRISTU

Ukuba wena ubuqu bakho uthe wamazi uThixo ngokufunda le gospile elepha, lukhona nolunye uncwadi onokulufumana olwenzelwe ukukhula kubuKristu. Xa unfuna ulwazi olungaphaya kolu, bhalela apha:

**Campus Crusade for Christ, South Africa**
**PO Box 4078**
**Halfway House 1685**

*Helping you reach multicultural communities with the Gospel*